**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo kwicandelo ngalinye.
- Nombola kakuhle imibuzo yakho.
- Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

UZolile umfo wasemaBheleni, kweliya lengca walizwa ngeentombi ezintathu, uLulu umafungwashe, uLungisa noNomaphelo igqibelo. Ngelishwa unina wasweleka zisencinane ezi ntwazana. UBhele wanyanzeleka ukuba azeke ukuze abe nomncedi ekukhuliseni aba bantwana. Zathi ke zakhulela phantsi konina omtsha. Wabaphatha kakubi wabakhohlakalela. Uthando nobushushu bothando lomzali yayiliphupha kubo, ubomi buyincindi yekhala. Kuthe kwakunganyamezeleki, nabo ngoku sebekhulile bathabatha isigqibo sokulinikela umva ikhaya labo balivevule bayokutshona kwilizwe lasemzini, kwelentlanzi.

Zafika kwilizwe lasemzini zahlala kunye kodwa umafungwashe uLulu uye wadibana namaqabane kaPoqo waza wawela nawo ukuya eZambia eshiya oodade wabo bezibonela ngobomi. Bazama ukufuna umsebenzi. Nangona kwakungelula ukuwufumana umsebenzi, uLungisa waba nethamsanqa wawufumana esibhedlela. Iphelo lathi lakudinwa kukufuna lawubopha wamncinane umthwalo walo walingana lona, lee shwaka laphel'emehlweni lasala ezintliziyweni. UNomaphelo wemka nabahlobo bakhe wayokutshona eBhay'alambathwa lambathwa ngabalaziyo kuphela. Wafika apho ke wahlala nomfo waseNgquthu kwaJola, udlalani wokwenene. Babeyintlaka nexolo ungeke ubohlukanise kusonwatyiwe ke ngoko. Koko kuhlalisana kwabo, waba nabantwana ababini intombi nenkwenkwe. Kwaba nzima ukubakhulisa aba bantwana njengoko intlalo yayingasemnandanga yaye engasebenzi. Udlalani yena ngelo xesha wayebaleka nezisetheni eziphangelayo. Yaya ngokuba mbi intlalo de kwangenelela nonontlalo-ntle.

Aba bantwana banikezelwa kusapho lwakwaMaglow ,ababengabaseMelika. Kwakungasekho limbi icebo angalenza ukugcina ezo nkewana zakhe. Aba bantwana baya eMelika nabazali babo abatsha. Yawanabisa amaphiko ayo loo ntaka, wayijonga ngamehlo anyembezana icand'amadada inqumla iilwandle iya apho angaziyo neentsana zakhe. Yamonzakalisa kakhulu udade wabo le nto akuyiva kodwa kwakusekophulwe ingekho into angayenza. Olu sapho lwathabatha aba bantwana lwagcina iinkonzo zonxibelelwano nonozala nakuba wayesel'ezilahlele ebhekileni. Wayemane esaziswa ngempilo yabantwana bakhe.

Kwankqonkqoza ukufa kunozala engalindelanga. Nangona lalikhe lalihle iBhelekazi eli, laliselifaniswa ngoku libhitye okomcinga. Wongiwa ngabezizwe abangazi nenkaba yakhe apho ikhoyo. Zamfikela iingcinga neengcamango ngeentsana zakhe kodwa akaxelela mntu ukuba udliwa yintoni ephela nje. Zatshwezeka iingcondo kwaband'ingcaba umntu edliwa ngumvandedwa. UMaJola wanxunguphala ngoku kwaphel'ukundweba. Wafunisa ngezihlobo zikaNomaphelo de wafumana udade wabo owayesebenza kwisibhedlela esikhulu eKapa. Wathi akuwufumana loo myalezo uLungisa akapholis'amaseko waland'ekhondweni.Ufike kuloo dilesi sekukhala ibhungane, sebekhonjwa esibhedlela. Walanda emkhondweni de wabafumana. Udade wabo wayelaliswe kwelo gumbi linevumba lokufa, abaguli bengahoywanga. Kwakungekho neshiti eli kuloo bhedi wayelele kuyo. Waxheleka emphefumlweni uLungisa wamlilela udadewabo. Wamcela koogqirha wahamba naye wayokumongela emzini wakhe.

Wayeselebonile njengomongikazi ukuba udade wabo uphethwe yintoni na kumaphepha akhe asesibhedlele. Zahamba iintsuku iya isonyuka incwina kodwa kungekho ndawo ibuhlungu akhala ngayo umguli. Wayengathandi kutya futhi ephelelwa ngamandla. Kwaye kwabanzima nokuphakama oku waqala udade wabo wanxuba kodwa engayekanga ukumkhuthaza udade wabo ngokuba ugawulayo sisifo esifana naso nasiphi na isifo. Lakhwaza ivumba useza esangweni kodwa waqinisela uLungisa emhlamba, emtshintsha udade wabo owayele engamathambo nje. Kunamathuba awayekhe azinike kule yabantwana, ebuza uMdali ukuba ingaba lixesha lokulingwa kwakhe yini na.

Wabazisa abantwana bakhe ngenene bengachithanga xesha, bafika. Bambona unina wabo, kodwa kwakusekuhlwile selebona ngorhatyazo. Lafika ithuba lakhe <u>lokuwamkis'amehlo kwizinto zeli hlabathi</u>. Ixesha lokuba agqithe kwiziyolo zalo mhlaba. Phambi kokuba <u>umphefumlo wakhe uhlukane nenyama,</u> waxolisa ngako konke akwenzileyo. Emva koko, lompi ilanga lethemba, <u>lwavalw'ucango lwekhusi.</u>

1.1 Yintoni eyenza ezi nzwakazi zilishiye ikhaya? (2)

1.2 Kwenzeka ntoni bakufika eKapa? (1)

1.3 Ukuba nesandla esigadalala kuthetha oku:

(a) Umntu ophayo ongavimbiyo.
(b) Ukuba nobuntu.
(c) Ukukhohlakalela abanye abantu ubaphathe kakubi. (1)

1.4 Sithi into ikrakra njenge ... (1)

1.5 Yitsho ukuba yinyaniso okanye bubuxoki. Bhala impendulo kuphela.
(a) Ubomi kuNomaphelo babakrakra akushiyiselwa zezinye iintombi.
(b) Abantwana bakhe wabakhuliselwa nguLungisa owayengumongikazi. (2)

1.6 Nika intsingiselo yala mabinzana njengoko esetyenzisiwe.

(a) Ukumkisa amehlo kwizinto zeli hlabathi.
(b) Ukunikela umva ikhaya ulivevule (2)

1.7 Kumhlathi wokugqibela athetha ukuthini amabinzana anomgca ngaphantsi ngegama elinye.

1.7.1 Ukumkisa amehlo kwizinto zehlabathi.
1.7.2 Lwavalwa ucango lwekhusi.
1.7.3 Umphefumlo wakhe wahlukana nenyama. 1 x 3 = (3)

1.8 Khetha impendulo efanelekileyo.Bhala isimboli. Ukuba yintlaka nexolo kuthetha oku:

(a) Abantu abazondanayo.
(b) Abantu abathandanayo.
(c) Abantu abangahlukaniyo. (1)

1.9 Ukusetyenziswa kweli binzana " kwankqonkqoza ukufa" kubonisa:

(a) Isifaniso
(b) Isimntwiso (1)

1.10 Singazikhusela njani kwisifo ugawulayo? Yitsho zibe mbini. (2)

1.11 Ungatsho na ukuba sisigqibo esilungileyo ukuhlalisana nomtu ningatshatanga? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.12 Yintoni oyithandileyo ngoNomaphelo? (2)

1.13 Ucinga ukuba abantwana bakhe babeziva njani kule meko unina wayekuyo? (2)

**[22]**

B.

Yimpela-veki emyoli unyaka usaqala abantwana basemfuthweni wokufunda. Intwazana eminyaka ilishumi elinesithandathu efunda kwisikolo samabanga aphezulu iZweledinga iye ayabuyela ekhaya ngoMgqibelo wama-21 kweyoMdumba emva kokuhamba nabahlobo beye kwithala leencwadi. Uye wanxunguphala unozala, wabuzisa ebumelwaneni kodwa akwabikho mkhondo. Ubusuku bababude kungafiki nobuthongo kubazali kwade kwasa engafikanga, yaqina nemini yangeCawa. Yaphuma ingqina ilali ibuzisa kwababebonwe naye. Bafumana umkhondo wenqwelo-mafutha ahlala ebonwa nayo ukuba ikhe yagqitha futhi bakhona abambone ehleli kuyo kodwa akukho mntu unolwazi ukuba baphelele phi na. Kwafuniswa ngaloo nqwelo-mafutha de kwavakala ukuba yeyaseMdeni kwilali ephesheya phaya, yochulukunyathela, ityendye lomfo owaziwa kakhulu engowasemthethweni ekwangumthanjiswa weNkosi.

Akazange aphike nto, uLizo, uvumile ukuba uyibonile intwazana leyo kodwa baphinda bahlukana akanalwazi ke ukuba iye yaya kutshona phi na. Kwakhangelwa zintolongweni, zibhedlela nditsho nasemkhenkceni kodwa babuya nemband'esikhova.

Yavungama ilali, yaxhoba ibuyela kulayita ogqityelwe nentwazana leyo. Bathi achophe ayichaze eyenzeke emntwaneni. Kwaba ngamantintinti inyani ingaphumi sekude kwangenelela nabomthetho kodwa tu inyani ukuphuma. Phofu yiyiphi inyani? Esikwaziyo nje qha kukuba babanengxabano bahlukana kanjalo. Kwakungemnandi kubafundi esikolweni ngakumbi kulowo wayehlala naye nabahlobo bakhe awayenabo babezisola ngokumshiya kwabo. Kwakusisithukuthezi ukubona eso sihlalo singenamntu ecaleni kwakhe umhla nezolo.

Zahamba iintsuku de wavalelwa uchwenene lowo kodwa wabuya waphuma emva kweentsukwana nje ezimbalwa. Ingaba yinto yokuba esebenza nabomthetho okanye umsulwa ngenene? Luqhubile uphando de wafunyanwa umzimba wentwazana leyo sowonakale. Uthe wakupopolwa kwafunyaniswa ukuba udlwenguliwe waze wadutyulwa entloko. Uphinde wabanjwa uLizo wagcinwa eluvalelweni inyangana ezimbalwa kusaqhutywa uphando.

Wangcwatywa umntwana womntu ngenkonzo ezolileyo enesidima neyayilusizi kakhulu. Abantwana babentywizisa ngoku abanye babengathuthuzeleki befuna impindezelo. Bangxengxeza abafundisi-ntsapho nabakwaLizwi bezama ukwehlisa loo mimoya ifudumeleyo, bade bazola ke. Yadlula nale njengezinye baqhubeka ubomi. Emva kwethutyana nje elifutshane uye waphuma uLizo entolongweni kuba kungekho bungqina bupheleleyo. Isengumnqa ke nangoku ukuba ngubani na odlwengule wabulala uNandipha. Ingaba kunonyawo lwemfene kuphando lwamapolisa? Ngubani okhuselekileyo nonamalungelo aqwalaselwayo?

1.14 Khetha impendulo efanelekileyo.Bhala isimboli. Ukuphuma ingqina ngokwesicatshulwa kuthetha oku:.

(a) Ukuyozingela iinyamazana.
(b) Ukuphuma kwabantu beyofuna umntu olahlekileyo.
(c) Ukuma ezitalatweni nimangalisiwe. (1)

1.15 Kumhlathi wesibini umgca wesine khetha igama elithetha into enye neli lithi ‘ ityendyana’. (1)

1.16 Wayehamba nabani uNandipha ukugqityelwa kwakhe ngabazali bakhe besiyaphi? (2)

1.17 Waphatheka njani unina yakungabuyi intombi yakhe? Cacisa (2)

1.18 Mizamo mini eyenziwa ukuze kufunyanwe umkhondo kaNandipha? (2)

1.19 Ngubani owayesoleka ngokunyamalala kweli gqiyazana? (1)

1.20 Ngqamanisa impendulo efanelekileyo.

| | | |
|---|---|---|
| 1.20.1 | Unyawo lwemfene | Ukulila |
| 1.20.2 | Ukuntywizisa | Into engaqondakaliyo nesolisayo enenkohlakalo |
| 1.20.3 | Ukuba ngumnqa | Into exakayo nedidayo |

1 x 3 = (3)

1.21 Xa unokumazi umbulali womntwana okanye womzali wakho yintoni onokuyenza? (1)

**[13]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

**Tyhila**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

**ISHWANKATHELO**

- Shwankathela esi sicatshulwa ngamagama angama – 50.
- Bhala ngokweengongoma.
- Bhala iingongoma ezisi-7.
- Bhala iingongoma kumgca ngamnye.
- Sebenzisa amagama angawakho.
- Bhala kwizibiyeli ( ) inani lamagama owasebenzisileyo.

Qaphela! Inani lamagama linqaku eli-1 ,ulwimi amanqaku ma-2 iingongoma asi-7

Ewe, nanamhla oku sisabalasele isiganeko sokufikelela kwamaMelika enyangeni. Le mfezeko yoosomajukujuku baseMelika yehle sekuminyaka ihlabathi lixhathalaza kwimigudu yokuqabela kule nkalo. Amazwe ngamazwe nangawo lo mzuzu asamthulela umnqwazi uNeil Armstrong ongumntu wokuqala ngqa ukulubeka enyangeni olwakhe olusicatyana unyawo. Kolo hambo lwasemajukujukwini wayehamba noogxa bakhe ababini, uEdwin Aldrin noMichael Collns, bekhwele kwisiphekeke esasibizwa ngokuba nguApollo weshumi elinanye. Kwakungenyanga kaJuly ngonyaka we-1969.

La maxhwangusha mathathu ayekhutshwe ngokuthenjwa ziingcali neengcungela kwezamajukujuku eCape Kennedy. Izizwe ngezizwe kwiimbombo zone zomhlaba zazinomdla gqitha kolo hambo lwabo kangangokuba la madoda entinga nje, ayebukelwe zizigidi ngezigidi zabantu koomabonakude kwihlabathi jikelele. Kambe babethetha izinto ngezinto, izimvo zisiwa ngokuwa. Babekhona ababenethemba lempumelelo kula manzithinzithi. Kanti ke abanye babebamb’ amazinyo. Kwakukho nezinto ezaziman’ ukuthi “inene ndoyicel’ ivuthiwe”, kanti babebodwa ababesitsho phandle ukuthi “Unotshe! Inkomo ingazal’ umntu ukuba angafikelela enyangeni loo madoda”.

Kwathi esakufika, wanyathela enyangeni umfo kaArmstrong lagungqa lonke ihlabathi, ngumothuko. Abakhi-mkhanya kwizehlo nemimangaliso eyenziwa ngumntu apha emhlabeni bathi esi siganeko sesona sinkqenkqeza phambili okwentloko kaloliwe kule nkulungwane. Asazi apho ke, nto zakuthi, kuba kaloku nogqirha wodumo, uNjingalwazi Chris Barnard waseMzantsi Afrika, naye ukhe wenza izinto zamehlo kwakuyo le nkulungwane yamashumi amabini, ngokuthi abe ngumntu wokuqala ngqa ukwenza uqhaqho-fakelo-ntliziyo kwihlabathi jikelele.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

**UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

3.1

> Wena Somi uyive ngolunye uhlobo eyona njongo yesi sicatshulwa. Abantu abahle nabamile kakuhle banethamsanqa lokusoloko benikwa izikundla eziphezulu. Naxa kunjalo akufuneki siyekelele imixakatho, simane sisithi izikhundla zezabathile. Ayibobuhle bangaphandle kuphela obujongwayo, ubukrelekrele, inkuthalo nazo ziyakuthethelela. Ndiyacinga ukuba sonke apha siya kulisebenzisa ilungelo lethu ngendlela. Mna ke sendiqalile.

3.1.1 Sebenzisa ezi zimelabizo kwizivakalisi zakho.

> Sonke, mna,

(4)

3.1.2 Bhala esi sivakalisi kwisinye: Abantu abahle nabamile kakuhle banethamsanqa. (2)

**UMBUZO 4**

4.1 Bhala lo mhlathi kwakhona ulungise amagama akwizibiyeli avumelane nomhlathi lo.

Abantu 4.1.1 ______ (dala) bayabathanda abantwana 4.1.2 ______ (hlonipha). Abakhutheleyo 4.1.3 ______ (nika) izikhundla 4.1.4 ______ (phezulu). Imisebenzi 4.1.5 ______ (khuthala) yiyo 4.1.6 ______ (khuphula) umntu kwinqanaba eliphezulu. 1 x 6 = (6)

**UMBUZO 5**

5.1 Izikhuzo

> Halala! Ubonisa ukonwaba.
> Inzwi! Xa ufuna kuthulwe kumanyelwe.

Zisebenzise kwizivakalisi zakho ubonise uyayazi intsingiselo zazo. 2 x 2 = (4)

5.2

> Andisazi isizathu sokuba andithiye ngolu hlobo uLulu kuba mna ndizama ukunceda yena kule nyula azifake kuyo. Utshilo uLiziwe

Qala ngala mazwi:
ULiziwe uthi ................... (3)

5.3 Hlanganisa izivakalisi ozinikiweyo.

| Ndiyamthanda umhlobo wam. Umhlobo wam uyandithanda naye. (kuba) |
|---|

(1)

**UMBUZO 6**

6.1 Endaweni yala mabinzana akrwelwe umgca bhala afanelekileyo kula owanikiweyo.

| alunantaka, wacela injezu, xhatshwe yinja, ukubeka umnwe. |
|---|

Umongameli weli lizwe 6.1.1 ugxininise ekubeni abantu babe nezakhono. Nangona 6.1.2 ixesha selimkile mgokweminyaka siya kuzama. Into endiyithandayo kulutsha 6.1.3 aloyiki, nokuhamba kwalo lunyathela phezulu.

1 x 3 = (3)

**UMBUZO 7**

7.1 Nika igama elinye endaweni yamabinzana anomgca ngaphantsi.

Esi sifo ugawulayo sishiya 7.1.1 abantwana bengenabazali. Uthi ke 7.1.2 umntwana ozelwe kuqala abe 7.1.3 ngumama notata kubantakwabo.

1 x 3 = (3)

**UMBUZO 8**

8.1

Igama isiziba singathetha oku:

- Indawo enzulu enamanzi emlanjeni.
- Ilaphu eli kwenziwa ngalo impahla.

Sebenzisa igama isiziba liveze ezi ntsingiselo. 2 x 2 = (4)

**UMBUZO 9**

Funda uze uphendule imibuzo elandelayo.

| Ukuba ufuna izinto zakho zibe yimfihlo ungabokuze uzihlebe noNolizwi akanasifuba ngathi wakhatywa yidonki esifubeni. Akaneli kukuyithetha into uyifakela amahlahla kuba unolwimi. |
|---|

9.1 Athetha ukuthini la mabinzana:

9.1.1 Akanasifuba
9.1.2 Unolwimi 1 x 2 = (2)

## UMBUZO 10

10.1 Khetha iintsingiselo ezivumelananamagama anomgca ngaphantsi.Khetha kulawo uwanikiweyo.

| Ukuhlangana, ukolula into, ukumangaliswa |
|---|

Sasithe 10.1.1 nqa ukuba uyakubaleka de kubenini. Yabanye imini 10.1.2 begaga hayi ke zabethana intombi. Enye yabethwa 10.1.3 yena-a izandla seyilele phantsi.

(3)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**EWONKE AMANQAKU: [80]**

**ISIPHELO**